Isalathiso: 20200917-8121
Inombolo yefayili: 13/1/1/2
Imibuzo: J Parbhoo

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0013/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Izihloko zokulungiselela iPhepha leMibuzo lesi-2 le-*Religion Studies* (*Religion Studies Question Paper* 2) kwiimviwo ezidityanisiweyo zangoJuni nangoNovemba 2020 zeBakala 12

1. ISikhokelo seeMviwo se-*Religion Studies* (2017) seBakala 12 kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)* sisasebenza njengoko kuchaziwe kwiNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0014/2019, yomhla we-22 Oktobha 2019. Isikhokelo singafumaneka apha https://bit.ly/35leqEg kwiziko lewebhu leSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i*DBE)*.

2. Isikhokelo sibonisa izihloko emazivavanywe kwiphepha lemibuzo, esinye kuzo sithi: *The development of a strategy towards solving a major social problem* njengoko sichazwe ngokucacileyo kwimjikelo weminyaka emithathu (2017-2019). Kukwachazwe nokuba izihloko zomjikelo weminyaka emithathu ziya kuphindwa ekupheleni kuka-2019 ngaphandle kokuba zitshintshiwe ngoxwebhu lwakutshanje olusanda kuhlaziywa.

3. Ngenxa kabhubhane i-*Covid*-19, uviwo lwangoJuni 2020 luphinde lwacwangciselwa elinye ixesha yaye lwadityaniswa noviwo lwangoNovemba 2020. ISebe i-*DBE* libonelele ngeSetyhula E7 ka-2020, yomhla we-07 Septemba 2020, apho liqinisekise ukuba abaviwa bangoJuni 2020 baya kuviwa kwiqela leengxaki zezentlalo ezingundoqo ezahlukileyo kwezo zabaviwa bangoNovemba 2020. **Ngoko ke, abaviwa bangoJuni 2020 baya kubhala amaphepha emibuzo e-*Religion Studies* awohlukileyo kwawabo babhalisele ukubhala iimviwo ze-*NSC* ngoNovemba 2020.**

4. Izihloko zeemviwo ezenzelwe abaviwa ebebeza kubhala iimviwo ze-*NSC* zangoJuni 2020 zahlukile kwizihloko ezenzelwe abaviwa abebebhalisele iimviwo ze-*NSC* zangoNovemba 2020 ekuqaleni. Izihloko zibonisiwe apha ngezantsi:

Iimviwo	Ingxaki zezentlalo ezingundoqo
Ezabaviwa bangoJuni 2020	• ***Diseases such as HIV and AIDS*** • ***Crime and violence*** • ***Suicide***
Ezabaviwa bangoNovemba 2020 kunye nabangoJuni 2021	• ***Teenage pregnancy*** • ***Discrimination*** • ***The family as a social unit***

5. Amaphepha emibuzo amabini awohlukeneyo aya kuphawulwa yaye abhalwe ngombala othile ukwenzela ukuwahlukanisa. Njengokuba, eya kubhalwa ngosuku nangeseshoni efanayo, kubalulekile ukuba iintloko zabagadi babaviwa kunye nabagadi babaviwa baqinisekisa ukuba iphepha lemibuzo elinikwe umviwa ngamnye lingqinelana nesifundo esikwileta yokwamkelwa kwiimviwo.

6. Kucelwa iinqununu kunye naphathi bamaziko bazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abafundi abafunda i-*Religion Studies*.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-09-17